

Uxanduva lwabanini- zindlu nabaqeshi xa besebenzisa izixhobo zombane



Department
of Labour

Uxanduva lokusetyenziswa nokulondolozwa ngokukhuselekileyo kwezixhobo zombane emakhaya nakwiindawo zokusebenza luthwaliswe kubasebenzisi bezo zixhobo zombane ngokwemigaqo yoMthetho ojongene neMpilo noKhuseleko kwiiNdawo zokuSebenza, 85 ka-1993.

ISiqinisekiso esiseMthethweni sokuThotyelwa koMthetho

Kuyimfuneko ukuba kubekho iSiqinisekiso esiseMthethweni sokuThotyelwa kwemigaqo emakhaya nakwiindawo zokusebenza. Isebe lezeMisebenzi liyaqonda ukuba ukunikezela ngeZiqinisekiso zokuThotyelwa kwemigaqo ezingekho mthethweni kuyinto yemihla ngemihla, ngokukodwa ngexesha lokunikezelwa kwepropati nokufakelwa kwezixhobo ezintsha.

Ngoko ke iSebe lezeMisebenzi liqinisekise iZiphathamandla ezaMkelweyo zoHlolo lwezixhobo zoMbane kwilizwe liphela ngenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa komthetho, kodwa lithathela ingqalelo uxanduva oluchazw engokuneenkukacha kuMthetho, kunye nokujongelwa phantsi kwamalungelo abathengi beepropati ezisigxina.

IZiphatha-mandla ezaMkelweyo zoHlolo lwezixhobo zoMbane

Ezi Ziphatha-mandla zoHlolo zamkelwa ngokwemigaqo yoMthetho neMiqathango ejongene nooMatshini boMbane nombolo 12, ngenjongo yokuphanda izityholo zokungathotyelwa kwemiqathango elawula ukusetyenziswa kwezixhobo zombane, kuqukwa iziganeko ezenzeka egameni leSebe. EziZiphathamandla ziza kunika ingxelo ngeziphumo zophando lwazo kwiSebe, neliza kuthi libone ukuba liza kuqhubeka kusini na nezimangalo zolwaphulo-mthetho.

Uncedo olunikezelwa ziZiphatha- mandla eZamkelweyo zoHlolo lwezixhobo zoMbane

Uncedo olunikezelwa ziZiphatha-mandla eZamkelweyo zoHlolo lwezixhobo zoMbane

- Ukufakelwa kwezixhobo zombane ezintsha
- Ulungiso kwizixhobo zombane ezifakelweyo
- Ukuthotyelwa kwemigaqo ngexesha lokunikezelwa kwepropati
- Ukuvakalisa izikhalazo ngezixhobo zombane ezifakelwe ngendlela engakhuselekanga
- Ukungaqiniseki ngendlela ezifakelwe ngayo izixhobo ezithile zombane (umz: oomatshini bokwenza umbane/iigenereyitha)
- Ukutshintshwa nokufakelwa kweezifudumezi zamanzi (iigiza), njl, njl
- Ukufakelwa kwezixhobo ngokungumthamo kuqukwa ukufakelwa kwezixhobo zombane kwiindawo zokuhlala, kumashishini nakwimizi-mveliso
- Izixhobo zokufudumeza ngobushushu belanga (umbane)

Uhlolo

Wonke ubani ukhunjuzwa ngokuba aqwalasele icandelo lama-38(e) loMthetho, nelithintela ukuphazamisana nomhloli xa esenza umsebenzi wakhe, yaye ukungaphumeleli ukuthobela lo mqathango, kusisenzo solwaphulo-mthetho.

Iinombolo zoqhagamshelwano

IZiphatha-mandla ezaMkelweyo zoHlolo lwezixhobo zoMbane kungaqhagamshelwana nazo kwezi nombolo zilandelayo:

Cape Town	(021) 987 3010
George	(044) 873 2235
Port Elizabeth	(041) 364 2868
Durban	(031) 205 3641
Johannesburg	(011) 957 3961 / 3622
Pretoria	(012) 974 9831
Klerksdorp	(018) 468 8462
Welkom	(057) 353 2289

Ungaqhagamshelana neSebe lezeMisebenzi kwezi nombolo zilandelayo:

EPitoli (012) 309 4382
(012) 309 4682
Ifeksi: (012) 309 4133

Makuthotyelwe uMthetho wezoKhuseleko